



# education

Department:  
Education  
**REPUBLIC OF SOUTH AFRICA**

**NATIONAL  
SENIOR CERTIFICATE**

**IBANGA 12**

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LESIBINI (P2)**

**NOVEMBA 2009**

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: 2½ iiyure**

**Olu viwo lunamaphepha ali-18.**

### IMIYALELO NENGCACISO

1. Nceda ufunde eli phepha ngenyameko phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha. Yiya kwisiququlatho kwiphepha elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe ofuna ukuyiphendula.
3. Eli phepha linamaCANDELO amaNE:  

ICANDELO A: Inoveli	(35)
ICANDELO B: Idrama	(35)
ICANDELO C: Amabali amafutshane	(35)
ICANDELO D: Isihobe	(35)
4. Landela imiyalelo ngononophelo ekuqaleni kwecandelo ngalinye.
5. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo omNYE okhethwe nakwawaphi amacandelo amaBINI. Sebenzisa uluhlu lokukhangela ukukunceda.
6. Bhala iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
7. Qala icandelo ngalinye kwiphepha ELITSHA.
8. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 kwicandelo ngalinye.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kunceda abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abafuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

<b>ICANDELO A: INOVELI</b>		
Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.		
<b>INANI LOMBUZO</b>	<b>UMBUZO</b>	<b>AMANQAKU</b>
1 ( <i>KUSA KUSIHLWA</i> )	Umbuzo omde <b>OKANYE</b>	35
2 ( <i>KUSA KUSIHLWA</i> )	Umbuzo omfutshane <b>OKANYE</b>	35
3 ( <i>UMQOL'UPHANDLE</i> )	Umbuzo omde <b>OKANYE</b>	35
4 ( <i>UMQOL'UPHANDLE</i> )	Umbuzo omfutshane	35
<b>ICANDELO B: IDRAMA</b>		
Phendula umbuzo MNYE kweli Candelo.		
5 ( <i>NDIYEKENI</i> )	Umbuzo omde <b>OKANYE</b>	35
6 ( <i>NDIYEKENI</i> )	Umbuzo omfutshane <b>OKANYE</b>	35
<b>ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE</b>		
Phendula umbuzo ube MNYE kweli Candelo.		
7 ( <i>NDAKUYICEL'IVUTHIWE</i> )	Umbuzo omde <b>OKANYE</b>	35
8 ( <i>NDAKUYICEL'IVUTHIWE</i> )	Umbuzo omfutshane <b>OKANYE</b>	35
<b>ICANDELO D: ISIHOBE</b>		
Phendula nayiphi imibuzo emiBINI kweli Candelo.		
9 ( <i>IMINGCUNUBE</i> )	Umbuzo omfutshane <b>OKANYE</b>	17½
10 ( <i>UMNT'ONESIDIMA</i> )	Umbuzo omde <b>OKANYE</b>	17½
11 ( <i>INYANISO</i> )	Umbuzo omfutshane <b>OKANYE</b>	17½
12 ( <i>ZIXOLISE</i> )	Umbuzo omde	17½

**ULUHLU LOKUKHANGELA**

<b>ICANDELO</b>	<b>AMANANI EMIBUZO</b>	<b>INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO</b>	<b>PHAWULA</b>
A: INoveli (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	1 – 4	1	
	<b>OKANYE</b>		
B: Idrama (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	5 – 6	1	
	<b>OKANYE</b>		
C: Amabali amafutshane (Umbuzo omde OKANYE umbuzo omfutshane)	7 – 8	1	
	<b>OKANYE</b>		
D: Isihobe	9 – 12	1	

**QAPHELA: KwiCANDELO B no C phendula umbuzo omde ube mNYE nombuzo omfutshane.**

**ICANDELO A: INOVELI****UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

UNozililo lilahle elinothuthu. Chaza indima edlalwa nguNozililo kule ncwadi ebonisa ukuba akalunganga, kwaye ulilandele igama lakhe apho anyathele khona zizililo zodwa.

**[35]****OKANYE****UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)****KUSA KUSIHLWA – KS Bongela**

2.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Uyabona Nomakhwezi, le nto uyenzayo iyakuhlaza yaye iza kukuphelelisa ngokwenda. Ayenziwa le nto uyenzayo. Ungathini ukwenza ubutyobo obunje? Imoto le yabeLungu uyibulalela ntoni kuba lityala eli. Ungathini ukuwuchitha umzi wakho ngokwakho? Xa usenza le nto ujonge phi? Kunini ndithetha nawe? Kanti wawundisusa ekhaya ndizonwabele nje wawufuna ukuba ndize kubukela obu bundlavini? Yintoni ukwenza imikhuba elolu hlobo ngathi akufundiswanga? Indoda yinto ekhe iphathwe olu hlobo? Kanene njengokuba thina singendanga nje ilityala loo nto apha kuni kuba uthi umntu umcebisa nje abe yena ethe nta imixhadi aze athi akuba senkathazweni afune kwa aba bantu ebebagezela.'

**IMIBUZO:**

- 2.1.1 Ngubani lo uthetha la mazwi? (1)
- 2.1.2 Uthetha nabani? (1)
- 2.1.3 Le nto uyenzayo iyakuhlaza. Oko kuthetha ukuba:
- A Imnika ithamsanqa.
- B Imenza onwabe.
- C Imthoba isidima. (1)
- 2.1.4 Kwenzeka ntoni apha edala ukuba athethe ngolu hlobo lo mntu? (2)
- 2.1.5 'Ayenziwa le nto uyenzayo.' Yintoni le ingenziwayo ayenzayo? (2)
- 2.1.6 Ifuna ntoni imoto yabeLungu apha? (2)
- 2.1.7 Chaza intetho ethi, 'Ungathini ukuwuchitha umzi wakho ngokwakho?' (2)

- 2.1.8 Lo mntu uthethayo apha ukhathazekile okanye wonwabile? Caphula isivakalisi esixhasa impendulo yakho. (2)
- 2.1.9 Imikhuba zizenzo zobulungisa okanye zobubi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.1.10 Ingaba uyangqina ukuba umntu ofundisiweyo akayenzi imikhuba? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.1.11 Le ndoda kuthethwa ngayo ngubani? (1)
- 2.1.12 Xela into ibe nye eyenziwa nguNomakhwezi kuLungile ebonisa ubundlavini? (1)
- 2.1.13 Uyangqinelana na nesithethi ngendlela yokuphatha indoda? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.1.14 Kukuthini ukuthi nta imixhadi? (2)
- 2.1.15 Lo mntu uthetha apha akatshatanga. Ucinga ukuba umcebisa kakuhle lo utshatileyo? (2)
- 2.1.16 Xa inganguwe lo ucetyiswayo, ubuza kulithatha icebo lalo mntu? Nika isizathu sempendulo yakho. (2)

2.2 Funda isicatshulwa wandule ukuphendula imibuzo.

'Mpumelelo, namhlanje ndifuna ukukwazisa ukuba impilo yam ayintle konke. Nanjengonyana ekuphela kwakhe, ndifuna ukhule usazi into ofanelwe kukuyenza ukwenzela ukuba ze ungaxakwa. Umdala ngoku kangangokuba ndingakucuntsulela ubuncinane kumahlebo alapha ekhaya. Impilo yam ayithembisi mntwanam. Ugqirha undixelele.'

**IMIBUZO:**

- 2.2.1 Lo mntu uthethayo ugula yintoni? (1)
- 2.2.2 Kutheni exelela uMpumelelo nje ngempilo yakhe? (1)
- 2.2.3 Uziva njani lo tata uthethayo? (1)
- 2.2.4 Lithini ihlebo alixelela unyana wakhe? (1)
- 2.2.5 Ingaba uMpumelelo walilandela icebo awaliniwayo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 2.2.6 Xela into ibenye awamyala uMpumelelo ukuba aze ayenze akufa. (2)

**[35]**

**OKANYE**

### UMBUZO 3 (UMBUZO OMDE)

#### UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

UDick uqinisekile ukuba uLinda Monti ngumbulali obulele uEddie Maga noLulama Zuma. Beka elubala bonke ubungqina obubangela ukuba uDick aqiniseke ukuba nguLinda umbulali.

[35]

### OKANYE

### UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)

#### UMQOL'UPHANDLE – PM Ngani

4.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Ithe yakuziswa loo ntokazi, wayibona naye okaHlobo ukuba inqathuva ngenkangeleko, mhlawumbi ikwisithuba samashumi amane ubudala. Wayijonga nje okaHlobo, waqonda ukuba 'nguNongqwaza' wokwenene, into engathi yakuphathwa ivele nakweyiphi na inkalo, leyo ifike kuqala engqondweni. Ubuso bayo babumpatshampatsha oku komntu oxhwalekileyo amehlo ebomvu. Ityali egqolileyo eyayiyithe wambu emagxeni yayikhangeleka nzima, imfutha nokumfutha. Ngokuphandle yayimxakile. Yayinxibe umrhulukutyu welokhwe ehle amacala, egqolileyo bubudala. Izandla zayo zazirhabaxa, zimxakile umninizo. Yayinento yokudlalisa ngeenzipho oku komntu odlala ikatala, umkhwa ekucaca ukuba yaziqhelisa wona okanye yakhula ngawo.

Uphakamile okaHlobo yakungena, wayikhawulela ukuya kuyibamba ngesandla. Imbambe ngezandla zozibini, yavova ngamadolo ukwenza imbeko, amehlo wona ethe nta ngathi iza kutsiba. Ithe yakwaziswa kuHlobo, yasuka yanofefe, yathi ngelizwi elinesingqala: 'Ndiyavuya ukukwazi mnumzana ...'

#### IMIBUZO:

- 4.1.1 Ngubani esi sizalwana sikaEddie kuthethwa ngaso kwesi sicutshulwa. (1)
- 4.1.2 Yayisuka phi le ntokazi? (1)
- 4.1.3 Mingaphi iminyaka yale ntokazi? (1)
- 4.1.4 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi le ntokazi nguNongqwaza? (2)
- 4.1.5 Injani inkangeleko yale nkosikazi ngendlela ebonwe ngayo nguHlobo? (3)
- 4.1.6 Le nkosikazi ithi ihlobene njani noEddie? (2)

- 4.1.7 Umbhali uthetha ukuthini xa esithi le nkosikazi 'yasuka yanofefe'? (2)
- 4.1.8 Le nkosikazi ithi yancedwa yintoni ekufundiseni uEddie? (2)
- 4.1.9 Yintoni eyona nto eyayizelwe yile nkosikazi emapoliseni? (2)
- 4.1.10 Kutheni uDick eyenzela ububele nje le nkosikazi? (2)
- 4.1.11 Kukuthini ukuba nesingqala? (2)

4.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Ukuba ngujobela wedwa phakathi kwenyakanyaka yabafazi, kwivenkile ethengisa impahla yabafazi kuphela, yimeko eyamtsho okaHlobo ngenye intsasa wagubungeleka. Waqonda loo mini ukuba abafazi aba zizithanda – kwazi, abantu abangakwazi mpela ukuzigcinela iintakumba zabo, bayeke ezabanye. Bonke babemthe ntshoo ngamehlo athethayo, amehlo angathi anombuzo "Ufuna ntoni apha uyindoda nje"?

Waba ngatshonela ngapha, ejonga nayiphi into ngomdla, balinde nje adlule kuyo, bayokungungelana bonke kuyo, akudlulela kwenye itafile, bamlandele. Abanye bade bazixhome, bazigqatse ngelithi bangamnceda ukuba unento emxakileyo afuna ukuncedwa ngayo. Waphawula ukuba ebethi akulala elo ncedo, izale indlu ngamahumhum kuthethwa ngaye, kusalathiswa ngaye. Wona umzimba wawumxelela ukuba uyahletywa.

Eyayicacile yeyokuba babemangalisiwe kukubona indoda engangaye iphengulula ngobuchule impahla yamabhinqa (wayekumashumi amane ubudala – usokadala wokwenene).

**IMIBUZO:**

- 4.2.1 Lithini igama levenkile awayendwendwele kuyo uDick? (1)
- 4.2.2 Nika igama leebhatyi zodidi ezithengiswa kule venkile. (1)
- 4.2.3 Yithi gqabagqaba ngeyona nto eyakhokelela ekubeni uDick atyelele kule venkile yabantu basetyhini. (3)
- 4.2.4 Ingaba uDick waphuma echwayitile kulo venkile? Nika izizathu zempendulo yakho. (3)
- 4.2.5 Caphula amazwi abonisa ukuba amehlo ala magqiyazana ayengasuki kuye. (1)
- 4.2.6 Ingaba yinto elungileyo ukuba umntu wasetyhini azithethele kumntu oyindoda? Xhasa impendulo yakho. (3)



- 4.2.7 Kukuthini ukungungelana? Khetha kwezi mpendulo:  
A Kukwahlukana  
B Kukuhlaselana  
C Kukudibana endaweni enye (1)
- 4.2.8 Ngumntu onjani okanye otheni ekuthiwa ngusoka-dala? (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**ICANDELO B: IDRAMA**

**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

**NDIYEKENI – DM Jongilanga**

Ngqina amazwi athi, 'Ithambo lenyoka lihlab'elimzondayo' ngokuthi ungqiyame ngeziganeko ezenzeke ebalini. [35]

**OKANYE**

**UMBUZO 6 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NDIYEKENI – DM Jongilanga**

6.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Nicengwa njani na bafondini, nicengwa ngantoni? Nazi mhlophe ukuba kudala ndizama ukwahlukana nesi sithembu samanz'akrakra. Ubunzima bam baziwa nini kuba nani kudala nizama ukuzilumla ebungedleni – amawele lawo antanganye, into kunayo eli lenu iwele alinabundlobongela neziqhamo zalo azivuthwa okwethangazana, but the end is the same.'

**IMIBUZO:**

- 6.1.1 Ngubani lo uthetha la mazwi? (1)
- 6.1.2 Ubhekisa koobani? (2)
- 6.1.3 Kutheni ebacenga nje? Khetha kwezi mpendulo:  
A Ufuna ukunyuselwa imali.  
B Uzicelela uxolo ngesenzo sakhe.  
C Uyabadelela. (1)
- 6.1.4 Ubunzima athetha ngabo (bobokufundisa abantwana/bobokunxila). Khetha eyona mpendulo ichanekileyo kwezi zisezigweqeni. (1)
- 6.1.5 Khetha igama elithetha ukuthanda ukutshaya kwisicutshulwa. (1)
- 6.1.6 Bhala elinye igama elithetha 'amanz'akrakra'. (1)
- 6.1.7 Ingaba le ndlela athetha ngayo lo mfo ibonisa ukuzisola na? Xhasa impendulo yakho. (3)

6.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Funeka: Mawo! Intlwa ayibanjwa ngentloko isavela.  
Buza kuthi bhabha. Namhlanje le ndlu kufuneka ilungiselelwe ukufika kookumkani. Impahla mayime ngolunye uhlobo.

Zanele: O! nkosi yam! Ndinga andingezinikezeli elubala.

**IMIBUZO:**

- 6.2.1 Eli gama lithi, 'Mawo!' litolika  
A Indelelo  
B Ukuqiniseka  
C Umdla (1)
- 6.2.2 'Intlwa ayibanjwa ngentloko isavela'. Le ntetho iyalumkisa okanye iyagxeka? (1)
- 6.2.3 Cacisa le ntetho ukuba ithetha ukuthini: 'Intlwa ayibanjwa ngentloko isavela' (2)
- 6.2.4 Ngubani lo kumkani ulungiselelwayo? (1)
- 6.2.5 Kutheni kusithiwa ngukumkani nje? (2)
- 6.2.6 Injongo yokubizwa kokumkani yintoni? (2)
- 6.2.7 Ingaba yafezekiswa le njongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 6.2.8 Uthandazela ntoni uZanele? (2)
- 6.2.9 Kutheni enexhala nje uZanele? (2)

6.3 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Mawonga: Ubomi yintonga yobhedu ekhwela emthini ngamanqanaba. Ukuba iphose lalinye ityibilika iye kuwa ezantsi. Umntu akagqitywa ungasiboni isithunzi sakhe nemizila yeenyawo zakhe. Bendisoloko ndisithi ndonakele kanti ndonakalisiwe. Inene, inene, inene, inene ukuba ooNdila aba bacinga ukuba ndisisisulu senkunzi yentwala yona yoyiswa luzipho, bohlangana nenyoka iphunga umhluzi. Imali yabantwana bam! (*Watsho ubuso buthe nkwa ejonge ngokungathi amehlo akanankophe.*) Engaka yona?

**IMIBUZO:**

- 6.3.1 Ubomi bukaMawonga abusafani nakuqala. Ukweliphi inqanaba ngoku? (2)

- 6.3.2 Wenziwe yintoni ukuba abe kweli nqanaba akulo uMawonga? (2)
- 6.3.3 Cacisa intetho yakhe ethi, 'Bendithi ndonakele kanti ndonakalisiwe'. (2)
- 6.3.4 Ukuphinda phinda oo-inene kane kubonakalisa ukuba:  
A Uyafunga kwaye uzimisele kulo nto.  
B Unxilile uphindaphinda into angayivayo.  
C Uyabathanda aba bantu athetha ngabo. (1)
- 6.3.5 Khetha ibinzana elithetha 'ukudibana nenkathazo'. (1)
- 6.3.6 Itheni le mali yabantwana bakhe alilisela ngayo? (2)

[35]

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**UMBUZO 7 (UMBUZO OMDE)**

**NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa**

Ngqina ubunyani bamazwi kaMchitheka athi, 'Ndakuyicela ivuthiwe' apha ebalini. [35]

**OKANYE**

**UMBUZO 8 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

**NDAKUYICEL'IVUTHIWE – LL Ngewu & EZ Guqa**

8.1 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Kuvakele kwangevumba ukuba inkosi le ingenile endlwini. Eneneni ibingasililo vumba linokuthelekiswa nelesivumbampunzi kumntu oqhele amavumba. Ibilivumba nje, kungenjalo ilivunjana nje, elidiza ukuchasela komninilo emlanjeni. Ubuso bomfo baburhaphilili ziindevu ebezilikhusi lokwenene lokufihla ubumi bomninizo.

**IMIBUZO:**

- 8.1.1 Sithini isihloko seli bali? (1)
- 8.1.2 Ngubani le nkosi ingenileyo? (1)
- 8.1.3 Ibiphi inkosi le ixesha eli lonke? (1)
- 8.1.4 Kutheni kuvakala ngevumba nje ukuba inkosi le ingenile? (2)

- 8.1.5 Xa ungachaza lo mfo ungathi ngumntu onjani? (2)
- 8.1.6 Waziva njani unina akufika lo nyana wakhe? (2)
- 8.1.7 Kutheni efika enje lo mfana kodwa uvela emsebenzini? (2)

8.2 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

'Ukuba ubuyinja yalapha ekhaya bendiza kuqukeza ndikwenzele ukudla kuba bendiza kuqiniseka ukuba ubuyile nje uza kukha ukhonkothe ube nesidima umzi kaMbongo ...'

**IMIBUZO:**

- 8.2.1 Ngubani lo uthetha la mazwi esitsho kubani? (2)
- 8.2.2 Lo mntu kuthethwa naye ngumntu onjani? (2)
- 8.2.3 Wenze ntoni lo mntu le ingaka ade agqithwe nayinja ngexabiso? (2)
- 8.2.4 Ucinga ukuba injani intliziyo yalo mntu uthethayo? Nika isizathu sempendulo yakho. (3)
- 8.2.5 Lo mntu kuthethwa naye waziva njani emva koku? (2)
- 8.2.6 Ingaba wajika ke kwesi simo sakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)

8.3 Funda esi sicutshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

Akukho nto ibincomeka ngaye ngaphandle nje kokufaneleka kwakhe. Ezo mpahla ebezinxiba bezifihle lukhulu kubonakala ukuba wafane nje wakho.

**IMIBUZO:**

- 8.3.1 Yintoni le yayimenza abe nomfaneleko oncomekayo? (2)
- 8.3.2 Yintoni le wayeyenza ingabakhholisiyo abantu ahlala nabo? (2)
- 8.3.3 Wayefihle ntoni kwezi mpahla wayezinxiba? (2)
- 8.3.4 Kuthetha ukuthini ukuthi wafane wakho? (2)
- 8.3.5 Ukuba ubungumama walo mntu ubungenza njani wena kwesi similo sakhe? (3)

[35]

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

## ICANDELO D: ISIHOBE

### VUKANI MADODA KUSILE

Phendula nayiphi imibuzo emiBINI.

### UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

#### IMINGCUNUBE – M Huna

- 1 Hay'ubuhle benu mithindini!
- 2 Niluhlaza kanye ngokwenene.
- 3 Amehl'aziv'ephumla akunijonga,
- 4 Nibe nina niziyekelele ngokwenene.
- 5 Nenziwa ziintloni okanye ngamabhongo na?
- 6 Kwowu! Hayi noko; ingekuko nina.
- 7 Ninj'ukuba nothando!
  
- 8 Ninothando kuba niyizolele indalo yonke;
- 9 Amahobohobo aphumla kuni nonke;
- 10 Ikwangaw'akhayo emaseben'enu;
- 11 Ninothando, kuba nomhamb'uphumla phantsi kwenu,
- 12 Aphosis'ubushushu kumthunz'obandayo wenu.
- 13 Ninothando, kuba ngasemanzini kukuma kwenu.
- 14 Ngokunjalo ke nembeko ninayo.
  
- 15 Ninembeko nakuw'umoya:
- 16 Nangon'unithatha unibhekise ngapha nangapha,
- 17 Anilukhunanga ngokwemith'emidala –
- 18 Niyawuthobela ngembeko ngapha nangapha.
- 19 Mingcunube! Imilamb'imihle nje nini.
- 20 Kodwa ke nina aniziqhayisi –
- 21 Nihleli loo ntlalo yokuzithoba nanamhla.

#### IMIBUZO:

- 9.1 Chaza le ntetho ngamazwi akho, 'Ngasemanzini kukuma kwenu'. (2)
- 9.2 Ntaka zini ezi zakha iindlwane zazo kumasebe emingcunube? (1)
- 9.3 Yintoni le ibangela ukuba amehlo azive ephumle akujonga imingcunube? (2)
- 9.4 Imingcunube le kutheni kusithiwa inothando? Nika izizathu ezi-3. (3)
- 9.5 Yinyaniso okanye bubuxoki: 'Imingcunube yaphulwa lula ngumoya ovuthuzayo'. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.6 Ingaba imingcunube iyinika njani imilambo ubuhle? (2)

- 9.7 Zinto zini ezinokufundwa ngabantu apha kule mithi yemingcunube? Nika zibe ntathu. (3)
- 9.8 Yintoni umngcunube? Khetha kwezi mpendulo zingezantsi.
- A Ngumthi  
B Yintaka  
C Yintyatyambo (½)
- 9.9 Lunjani uvakalelo lwembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)  
[17½]

### OKANYE

#### UMBUZO 10 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

#### UMNT'ONESIDIMA – LT Manyase

- 1 Ngubani n'ongasifuniy'isidima?
- 2 Ngubani n'ochasene negam'elihle?
- 3 Ngulow'unomlomo ongenasiziba,
- 4 Ongakwaz'ukugcina negam'elinye.
- 5 Ngulow'ungasabi mazwi andumbisa.
- 6 Ngulowo untethw'ithand'ukuhlungisa.
  
- 7 Umnt'onesidim'akazityandi gila.
- 8 Akaqhayisi ngazwi endimbaneni.
- 9 Amazw'angaphucukang'uyawazila.
- 10 Wotheth'intw'eyiy'esidlangalaleni.
  
- 11 Wozol'azibulung'ancokole kuhle.
- 12 Ahleke kodw'angahlek'ad'aphuthe.
- 13 Ngumzili ziseko ngomhla wendibano.
- 14 Ngulowo uziqwebel'umfaneleko.
- 15 Low'uzinyamekelayo ngezambatho.
- 16 Ngulow'uzindilayo ngemfaneleko.
- 17 Ingcath'intw'engawoleliy'esiswini,
- 18 Intw'engathand'ukunxib'ihlaz'esiqwini.
  
- 19 Ngulowo unгахamb'ekruqul'abantu,
- 20 Engen'ezindlwini zab'imihla yonke.
- 21 Lowo akasenasidima kubantu.
- 22 Abantu abasamlangazeleli bonke.
- 23 Yena umntu makabathande abantu.
- 24 Makancokole ke ngesonti kaloku.

**IMIBUZO:**

- 10.1 Umntu onesidima ngumntu onjani? Chaza ngemigca emibini. (2)
- 10.2 Yintoni ingxaki yomntu onomlomo ongenasiziba? (2)
- 10.3 Kukuthini ukuzityand'igila? (2)
- 10.4 Kungca wesine kumhlathi wokuqala kusetyenziswe esi safobe, "Ongakwaz'ukugcina negam'elinye". Xela udidi lwaso. (1)
- 10.5 Chaza esi sivakalisi ngamazwi akho: 'Ingcath' intw' engawoleliy'esiswini'. (2)
- 10.6 Kumhlathi wesibini, chonga isivakalisi esalatha ukuba ukuba nesidima kuhambelana nokuthetha inyaniso. (2)
- 10.7 Yintoni indimbane? Khetha kwezi mpendulo zingezantsi.
- A Ngabantu abambalwa.  
B Ngabantu abaninzi.  
C Ngamanzi abalekayo. (½)
- 10.8 Umntu usiswela njani isidima nokulangazelelwa ngabanye abantu? (2)
- 10.9 Kumhlathi wesithathu, chonga uze ubhale phantsi isivakalisi esalatha ukuba umnt'onesidima uwuhloniphile umzimba wakhe. (2)
- 10.10 Intetho ethi: 'Ongakwaziyo nokugcina nentw'enye,' ibhekiselele kumntu onjani? (2)

**[17½]**

**OKANYE**

**UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**INYANISO – N Mthintsilana**

- 1 Ngumathunga kwabanyembezi;
- 2 Ngumakhi wesizwe.
- 3 Ogcin'izizwe zibambene,
- 4 Ogcin'izihlobo zibukana.
- 5 Onayo unomkhokha.
  
- 6 Ngumkhumezelo phezu kohlaza.
- 7 Ngamathontsi phezu kotyani.
- 8 Onayo makayinxibe nenceba;
- 9 Onayo makasiph'ubuncwane;
- 10 Siphuphum'isizwe luthando.

- |    |                             |
|----|-----------------------------|
| 11 | Inkohlamntu nenkohla        |
| 12 | Onayo ukwanomzondo          |
| 13 | Kwiinkundla zokuzathuza     |
| 14 | Iqashiso liwa mva kuye,     |
| 15 | Kuba kaloku ngudiz'amahlebo |
| 16 | Inkohlamntu nenkohla        |
| 17 | Onguye Uyamphakamisa;       |
| 18 | Kubabandezeli Uyamxhasa;    |
| 19 | Avelele njengeNtab'eZiyoni; |

**IMIBUZO:**

- 11.1 Ucinga ukuba inyaniso le isakha njani isizwe? (2)
- 11.2 Kukuthini ukubukana kwezihlobo? (½)
- 11.3 Isimntwiso esisetyenziswe kwisitanza 1 siphuhlisa ntoni ngale nyaniso kuthethwa ngayo apha kulo mbongo? (2)
- 11.4 Igama elithi unomzondo kwisitanza sesi-3 liphuhlisa ntoni ngomntu onenyaniso? (2)
- 11.5 Yintoni umkhumezelo? (1)
- 11.6 Ingaba yinyaniso okanye bubuxoki ezi zivakalisi zilandelayo:
- A Umntu onenyaniso urhanelwa kuqala kunabanye kwiinkundla zokuzathuza.
- B Umntu onenyaniso uyasimenya isizwe. (2)
- 11.7 Sesiphi isafobe esisetyenziswe kumgca-19: 'Avelele njengeNtab'eZiyoni'? (1)
- 11.8 Kutheni umbhali esithi inyaniso ngumathunga? (1)
- 11.9 Isitanga sesibini sinxulumana njani nesihloko salo mbongo? (2)
- 11.10 Xa umbhali esithi umntu onenyaniso, 'Uyidayimani eluthulini' uthetha ukuthini? (2)
- 11.11 Nika iimpawu zomntu onenyaniso zibe MBINI. (2)

**[17½]**

**OKANYE**



## UMBUZO 12 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda lo mbongo ungezantsi uze wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

### ZIXOLISE – T Ndlazulwana

- 1 Bunjalo obu bomi bumnandi-krakra,
- 2 Obu bomi bumacala mabini okoxolo lomthi.
- 3 Bakufik'unkene-nkene bukuqob'amadolo.
- 4 Bakuvel'uthe-ethe bukulalisa ngophothe.
- 5 Ndiswel'imilom'okukuxolisa kwintlung'engaphakathi.
- 6 Ndiswel'izandla zokukusul'iinyembezi zomphefumlo.
- 7 Ndiswel'amandl'okukukhombis'umend'onguwo.
- 8 Ndiswel'isipho sokukwenz'uxol'ulibale.
  
- 9 Izinto zalo mhlaba ngubhanga cim'okwerhangasi,
- 10 Intlung'eziyidalayo phof'ayishiyi sigingqi nazilonda.
- 11 Kuba kamb'okomhlaba kuyaguga.
- 12 Kuba kamb'ezalaph'emhlabeni ziyabuna.
- 13 Izint'ezininz'akakh'amandl'okuzinqanda.
- 14 Iziphiw'ezininzi'akakho amandl'okuzigcina.

### IMIBUZO

- 12.1 Ingaba uchasano olusetyenziswe kumqolo wokuqala luphuhlisa ntoni ngobomi? (2)
- 12.2 Chonga isafobe esisetyenziswe ngumbhali kumhlathi wokuqala wandule ukuxela udidi lwaso. (2)
- 12.3 Chaza le ntetho ngamazwi akho: 'Intlung'eziyidalayo phofu ayishiyi zigingqi nazilonda'. (2)
- 12.4 Xa umbhali esithi, 'Iziphiw' ezininz'akakh'amandl'okuzigcina', uthetha ukuthini? (2)
- 12.5 Kukuthini ukuswela imilomo? (1)
- 12.6 Umbhali usebenzise uphindaphindo kwimiqolo 5, 6, 7, 8. Yintoni iinjongo zakhe zokwenza oku? (2)
- 12.7 Chaza umongo walo mbongo? (2)
- 12.8 Umntu olele ngophothe ingaba ulele njani? (2)
- 12.9 Ngumbongo mni lo? Khetha kwezi mpendulo zilandelayo.  
A Yindumasiso.  
B Sisimbambazelo.  
C Yisonethi. (½)

12.10 Kungca wesixhenxe kusetyenziswe ibinzana, 'Umend'onguwo'. Xela  
intsingiselo yalo.

(2)  
[17½]

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**

**AMANQAKU EWONKE: 70**